URhulumente weNtshona Koloni
EzeMfundo

ICandelo loLawulo loKuthengwa kweeMpahla neeNkonzo

Isalathiso: 5/1/P
Inombolo yefayili: 20191024-857
Imibuzo: JT Solomons

ISetyhula:0005/2020
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela-Balawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), nakwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko (KwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili),

Isishwankathelo esifutshane :*Le setyhula yenzelwe ukukhutshwa kwe-Accounting Officer's System* ne-*Supply Chain Management Delegations ezisebenza kwiSebe leMfundo leNtshona Koloni.*

ISihloko: ***Ukuhlaziywa kwe-Accounting Officer's System* ne-*Supply Chain Management Delegations***

1. Le setyhula yenzelwe ikhupha ii-*Accounting Officer's System (AOS) and Supply Chain Management (SCM) Delegations* ezihlaziyiweyo ezisebenza kwiSebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*). I-*AOS* ne-*SCM Delegations* zeSebe iWCED ziqhotyoshelwe apha yaye makuqaliswe ukuphunyezwa kwazo ukuqalela ngoku.

2. ISebe iWCED malilandele mbo iSahluko 16A se-*Western Cape Provincial Treasury Instructions (PTIs),* eyakhutshwa ngowe-23 Septemba 2019 nesaqala ukusebenza ukususela ngowe-01 Oktobha 2019.

3. Umhlathi 3.1.1 weSahluko 16A se*PTIs* ucacisa ukuba "*igosa elimele ukuphendula ngosetyenziso lwemali okanye abasemagunyeni ekusetyenzisweni kwemali beziko ekusebenza kulo le Miyalelo, mabenze, barekhode, balondoloze yaye baphumeze isistim esebenza ngempumelelo yolawulo lwesisitim yoqhagamshelwano nabathengi nabathengisi*".

4. Ngokwesiqendu 38(1)(a)(iii) soMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, 1999, (uMthetho 1 ka-1999) (*Public Finance Management Act, 1999 (Act 1 of 1999):*
   (1) "igosa elimele ukuphendula ngosetyenziso lwemali (*accounting officer)* lesebe, *le-entithi yorhwebo (trading entity) okanye leziko i-constitutional institution—*
   (a) maliqinisekise ukuba isebe okanye i-entithi yorhwebo okanye iziko

i-constitutional institution, linayo yaye liyayilondoloza—

(iii) isistim efanelekileyo yokuthengwa nokubonelelwa kweempahla neenkonzo eyenziwa ngobulungisa, esekuhleni nekhuthaza ukhuphiswano neyonga iindleko;".

5. ISistim i-A*ccounting Officer's System (AOS)* yenziwa ngokungqinelana nale miyalelo ikhankanyiweyo ye-Ofisi kaNondyebo wePhondo ne*PFMA* nokuqinisekisa ukuthotyelwa kwemigqaliselo yayo.

6. ISebe iWCED ngamathuba athile malizijongisise ii-*AOS* neSCM *Delegations* ukuqinisekisa ukubasemthethweni nokugqibeka kwazo. Ngowe 09 Disemba 2019, iNtloko yeze*M*fundo yazivuma izilungiso ezifakelwe kwi-*AOS* nakwi-*SCM Delegations*.

7. Niyacelwa ke ngoko ukuba niqinisekise ukuba zonke iipraktishina ze*SCM* zizilandela ngokukhawuleza iinkqubo ze*SCM* ezihlaziyiweyo ngokungqinelana ne-AOS ne*SCM Delegations* esele zikhankanyiwe. Iikopi ezihlaziyiweyo ze-*AOS* ne*SCM Delegations* ziqhotyoshelwe apha.

8. Kucelwa kwaziswe okuquluthwe kule setyhula bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2020-01-20